




**IMIGANGATHO ENGENGAKANANI NGEENKONZO
ZAMAXHOBA OLWAPHULO-MTHETHO**



**YENZELWE UKUSUNGULWA
KWETSHATHA YENKONZO
YAMAXHOBA
OLWAPHULO-MTHETHO
EMZANTSI AFRIKA**



the doj & cd

Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



INJONGO YEMIGANGATHO ENGENGAKANANI iii

INTSHAYELELO iii

ISAHLUKO I:

**AMALUNGELO AKHO NJENGEXHOBA
LOLWAPHULO-MTHETHO**

1

ISAHLUKO II:

**IINKQUBO NOXANDUVA LWABATHATHI-NXAXHEBA
ABAFANELEKILEYO BESEBE KWINKQUBO YEZOBULUNGISA
KULWAPHULO-MTHETHO**

3

Kuya kwenzeka ntoni -

3

- Ukuba umntu waphule umthetho 3
- Xa ityala lidluliselwe kumtshutshisi 3
- Ukuba ubizwe njengengqina xa kutshutshiswa 4
- Ukuba kufuneka ube lingqina enkundleni 5
- Etyaleni 6
- Emva kokubanjwa 7
- Xa kutsalwa isigwebo 9
- Ukuba udinga uncedo 10

ISAHLUKO III:

**IMIGANGATHO ENGENGAKANANI NGEENKONZO
ZAMAXHOBA OLWAPHULO-MTHETHO**

11

1. Ilungelo lokuba uphathwe ngobulungisa nembeko ngenxa
yesidima sakho nobomi obubobakho bangasese 11
2. Ilungelo lokunika ulwazi 15

3. Ilungelo lokufumana ulwazi	18
4. Ilungelo lokhuselo	22
5. Ilungelo loncedo	25
6. Ilungelo lesibonelelo	29
7. Ilungelo lembuyekezo	31

IS AHLUKO IV:

IINDLELA ZOKUFAKA ISIKHALAZO	32
-------------------------------------	----

ULWAZI OLUTHE VETSHE	37
-----------------------------	----

ULUHLU LWEEDILESI EZILUNCEDO	38
-------------------------------------	----



INJONGO YEMIGANGATHO ENGENGAKANANI


Imigangatho engengakanani ngeenkonzo zaMaxhoba oLwaphulo-mthetho (Imigangatho engengakanani) luxwebhu oluqulethe ulwazi oluqulunqwe ngenjongo yokuchaza banzi amalungelo akho njengoko equlethwe kwiTshatha yeNkonzo yaMaxhoba oLwaphulo-mthetho eMzantsi Afrika. (“iTshatha”) kwaye nokwenza la malungelo abe yinto ekhoyo. ITshatha yamaXhoba kunye neMigangatho engengakanani zenzelwe ukuba zikunike ulwazi olungokuzinikela kukarhulumente ekuphuculeni ukufezekiswa kweenkonzo kumaxhoba olwaphulo-mthetho. Imigangatho engengakanani ijonge ekuca-ciseni imigangatho engengakanani njengeenkonzo ezenzelwe amaxhoba olwaphulo-mthetho. Imigangatho engengakanani ayigqabazi nje ngamalungelo asisiseko nemithetho-siseko, kodwa inika nolwazi oluneenkukacha ukuze ukwazi ukusebenzisa amalungelo akho kwaye nokwenza abaququzeleli beenkonzo balihloniphe ilungelo lakho njengoko lichaziwe kwiTshatha. Loo nto baya kuyenza ngokuba bamise imigangatho engengakanani onokuyilindela kubaququzeleli beenkonzo. Imigangatho engengakanani iya kukunceda ukuba uthathe wonke umntu obandakanyekayo kwinkqubo yezobulungisa njengonoxanduva ukuze uqinisekise ukuba ufumana inkonzo efanelekileyo neenkonzo ezizizo.



INTSHAYELELO

Xa uxela ulwaphulo-mthetho futhi unike ubungqina enkundleni udlala indima ebaluleke kakhulu ekwenzeni inkqubo yezobulungisa ukuba izimamele izidingo zoluntu kwaye iqinisekise ukuba abonani bayawamela amatyala abo. Kwelinye icala, inkqubo yezobulungisa kufuneka ikuhoye ngokukhawuleza kwanangembeko futhi ikuphathe ngentlonipho ngenxa yesidima sakho nobomi obubobakho bangasese kwaye ihlangabezane nezidingo zakho. Imi-





gangatho engengakanani lilinge lokuqinisekisa ukuba oku kuyenzeka futhi ukwaxhotyiswe ngolwazi olululo ukwenzela ukuba usebenzise amalungelo akho. Imigangatho engengakanani yahlulwe yazizahluko ezine. Isahluko 1 sikunika inkcazelo esisiseko ngamalungelo akho kwaye sikwaxela ukuba ngubani na onokuwafuna la malungelo. Isahluko 2 sichaza ngokufutshane iinkqubo ezikwinkqubo yezobulungisa kwaye nento eya kwenzeka kuwe xa uthe walixhoba lolwaphulo-mthetho waze waluxela emapoliseni olu lwaphulo-mthetho. Isahluko 3 siqulethe imigangatho engengakanani ngeenkonzonokuzilindela kubathathi-nxaxheba abohlukeneyo kwinkqubo yezobulungisa, kubhekiswa kwilungelo ngalinye elichazwe kwiTshatha yaMaxhoba. Sesona sahlulo sibaluleke kakhulu esi seMigangatho engengakanani njengoko sijolise ekubeni siwenze amalungelo adweliswe kwiTshatha abe yinto ekhoyo. Kukweli candelo apho uya kubona inani lemithetho-siseko eyaKhayo yoBulungisa equlethwe kwinkqubo-sikhokelo esemthethweni echazwe kwiTshatha yaMaxhoba nakwiMigangatho engengakanani. Isahlulo 4 sigqabaza ngeenkqubo zezikhalazo. Naxa abathathi-nxaxheba kwinkqubo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho beya kuzamela ukuba bakuphathe ngobulungisa nembeko kwaye bakunike inkonzo entle , izinto ngamanye amaxesha azihambi kakuhle. Usenokubona okokuba iinkonzo ozifumeneyo azifiki kumgangatho obuwulindele. Eli candelo liyachaza indlela yokufaka isikhalazo kwaye linoluhlu lweedilesi oluneenombolo zohqagamshelwano. Imigangatho engengakanani yenzelwe ukuba ubeko-sweni lokufezekiswa kweenkonzo lubelula njengoko kubekwa imigangatho engengakanani ekuya kulinganiselwa ngayo ufezekiso lweenkonzo. Amaziko aluncedo kwanamasebe aya kubeka esweni ukuphunyezwa kwamalungelo nemigangatho yeenkonzo eyandlalwe kwiMigangatho engengakanani kwaye njengenxalenye yokubeka esweni, la maziko angabonisana nawe. Ezinye zeziphumo zenkqubo yokubeka esweni nokubonisana zingapapashwa.

ISAHLUKO I

ISAHLUKO I: AMALUNGELO AKHO NJENGEXHOBA


LOLWAPHULO-MTHETHO

Ukuba ubukhe walixhoba lolwaphulo-mthetho, ungalindela ukuba abathathinxaxheba kwinkqubo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho baya kuqinisekisa ukuba amalungelo akho njengoko andlaliwe kwiTshatha yaMaxhoba, aya-phunyezwa kwaye imigangatho engengakanani yeenkonzo echazwe kolu xwebhu iyasungulwa.

Ngokweenjongo zolu xwebhu nangokuhambelana nengcaciso-gama ebhalwe kwiSibhengezo seZizwe eziManyeneyo seMithetho-siseko esisiseko soBulungisa samaxhoba oLwaphulo-mthetho nokuSetyenziswa kakubi kwaMagunya (GAVRes/40/30) apho uMzantsi Afrika ungomnye wabasayini, ixhoba lolwaphulo-mthetho lichazwe njengomntu owenzakeleyo, kuqukwa ukwenzakala emzimbeni okanye engqondweni, ukugula emoyeni, ilahleko yezoqoqosho ukuphazamiseka kwamalungelo akhe asisiseko ngezenzo okanye ngotyeshelo, nto ezo ezingokungahlonelwa komthetho wethu wolwaphulo-mthetho. Igama 'ixhoba' likwaquka apho kufanelekileyo usapho olusondeleyo okanye abantu abondliwa lixhoba ngqo. Umntu uya kubonwa njengexhoba nokuba umenzi wobubi ufunyenwe, wangxoliswa, watshutshiswa okanye wabanjwa kwaye nokuba kuthini na ukuzalana phakathi komaphuli-mthetho nexhoba.

Amagatya aqulethwe kwiMigangatho engengakanani asebenza kuwo onke amaxhoba ngaphandle komkhethe walo naluphi na uhlobo ngokubhekiselele kubuhlanga, isini, ezesondo, imo yomtshato, umnombo ngokwesizwe okanye ngokwentlalo, umbala, inkolelo ngokwesini, ubudala, ukukhubazeka, inkolo, isazela, inkolelo, inkcubeko, ulwimi nokuzalwa njengoko zandlaliwe kwiCandelo 9 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika (UMthetho 108 wowe-1996).

Wakudibana nenkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho amalungelo alanelayo akwiTshatha yaMaxhoba nangokwemigqaliselo yomgaqo-siseko nowiso-mthetho olusemxholweni aya kuhlonitshwa:

- 
- Ilungelo lokuba uphathwe ngobulungisa nembeko ngenxa yesidima sakho nobomi obubobakho bangasese
 - Ilungelo lokunika ulwazi
 - Ilungelo lokufumana ulwazi
 - Ilungelo lokhuselo
 - Ilungelo loncedo
 - Ilungelo lesibonelelo
 - Ilungelo lembuyekezo

ISAHLUKO II

ISAHLUKO II: IINKOUBO NOXANDUVA LWABATHATHI-NXAXHEBA ABAFANELEKILEYO

BESEBE KWINKOUBO YEZOBUKUNGI KULWAPHULO-MTHETHO

Kuya kwenzeka ntoni?

Ukuba kwaphulwe umthetho:

1. Ukuba kwaphulwe umthetho yaze loo nto yaxelwa kwiNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika inkqubo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho iya kuma ngeenyawo. Inkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika inoxanduva lokuphanda ulwaphulo-mthetho kwaye ize nabo ngaphambili abenzi bobugwenxa. Xa kubekwe isimangalo, ipolisa liya kuvula idokethi lize liphande ngesimangalo eso. Ukuba ipolisa aliqinisekanga nokuba kumele kulandele utshutshiso, isimangalo esi asisayi kuziswa ngaphambili ngokukhawuleza. Phofu ke, ipolisa liya kuqhuba liphande ngetyala elo lize lingenise idokethi lepolisa kumtshutshisi woluntu ukuze yena athathe isigqibo.
2. Ukususela ngexesha okophulwe ngalo umthetho yaze loo nto yaxelwa, kubalulekile ukuba bonke ubungqina obukhoyo buqokelelwe kwaye bukuselwe ngendlela apha eya kuba luncedo kuphando lwetyala nasekuxoxweni kwetyala. Ukwenzakala okanye umonakalo owufumeneyo zizinto ezo ezinokunceda ukuxhasa ubungqina bakho bokuchasa ummangalelwa. Ingxelo kagqirha kufuneka izaliswe ingeniswe nayo apho kufunekayo.
3. Xa umntu emangalelwe, ityala libhekiswa enkundleni apho umtshutshisi abanoxanduva lokuthetha ityala.

Xa ityala lidluliselwe kumtshutshisi:

4. Umtshutshisi uya kuwaqwalasela ngocoselelo onke amanqaku etyala. Umtshutshisi angenza enye kwezi zinto zintathu:


- Agqibe ekubeni kukho ubungqina obaneleyo angatshutshisa ngabo aze aqhube nokutshutshisa.
- Agqibe ekubeni kusafuneka olunye ulwazi ukuze kuthathwe isigqibo esisekwe kwinto eyaziwa kakuhle, ngoko ke xa kunjalo ayalele igosa eliphandayo ukuba maliphande ngakumbi ngetyala elo.
- Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo, njengezimvo zoluntu, agqibe ukubeni azirhoxise izimangalo.

Umtshutshisi xa ethatha nasiphi na isigqibo kwezi zingentla uya kukucingela nawe kwaye usenokugqiba ekubeni aziguqule izimangalo, ngokuxhomekeka kumanqaku achanekileyo etyala.

5. Ungalindela inkqubo ekhawulezileyo nesebenzayo eya kuqinisekisa ukuba ityala liya enkundleni ngokukhawuleza.
6. Ungalindela ukuba umtshutshisi uya kucela lonke ulwazi oluhambelana neenkqubo zebheyile kwigosa eliphandayo aze olo lwazi aluthi thaca enkundleni ukuqinisekisa ukuba isigqibo sokunika okanye sokunganikwa ibheyile kommangalelwa sithathwa kucingelwa wena nokhuselo lwakho.
7. Phambi kokwamkela ingxelo yommangalelwa umtshutshisi uya kuzithathela ingqalelo izimvo zakho nezosapho lwakho.

Ukuba ubizwe njengengqina xa kutshutshiswa:

8. Ipolisa liya kukwazisa ukuba kufuneka uze enkundleni njengengqina. Amatyala amaninzi aqhutyelwa kwinkundla kamantyi ukuze amatyala aqatha aye kwinkundla yommandla okanye kwinkundla ephakamileyo.




abasebenzi bezotshutshiso abaya kukwazi ukukunceda kwimibuzo yonke onayo malunga neenkqubo. Umtshutshisi ophethe ityala lakho uya kukwazi ukukuxelela ukuba uza kulinda kangakanani na phambi kokuba unike ubungqina.

14. Umtshutshisi uya kuzama kangangoko ukuqinisekisa ukuba ubizwa ngokukhawuleza ukuba uze kunika ubungqina. Umtshutshisi ojongene netyala lakho uya kuthi apho kufanelekileyo abonisane nawe phambi kokuba ubizwe uze kunika ubungqina. Phofu ke, ngamanye amaxesha kubakho izinto ezilibazisayo. Kufuneka uqiniseke ukuba ufika enkundleni ngexesha. Kufuneka umxelele umtshutshisi ukuba uza kufika kade okanye awuzukwazi ukubasenkundleni ngalo mhla wenkundla obekiweyo.

Etyaleni:

15. Ukuba kufuneka unike ubungqina, usenokuthi kwiimeko ezithile, ucele umhlobo okanye umntu okuxhasayo ukuba akukhapse xa usiya enkundleni . Xa ugqiba kunika ubungqina uya kuxelelwa ukuba ungahamba na. Ungahlala umamele inkqubo yonke ukuba uyafuna.
16. Umthetho uvumela la magatya alandelayo xa unika ubungqina.
 - Usenokuthi phantsi kweemeko ezithile unike ubungqina ngenkqubo kamabonakude esithelisiweyo (loo nto ithetha ukuba awukho apha enkundleni apho kukho ummangalelwa, kodwa ukwelinye igumbi).
 - Usenokuthi kwakhona, ufumane uncedo lomlamleli xa unika ubungqina ngomabonakude osithelisiweyo ukuba ungaphantsi kwe-18 leminyaka kwaye ukuba igosa elongameleyo (oko kutsho



bonelelwa ngomonakalo. Ukuba inkundla inika isibonelelo, loo nto ayithathwa njengesigwebo, ngoko ke isipho eso singongezwa phezu kwalo naluphi na uhlobo lwesohlwayo. Inkundla ingasimisa isigwebo kwiimeko ezithile, kuqukwa nemeko apho ummangalelwa kufuneka akunike isibonelelo. Umtshutshisi angangenisa ingxelo evakalayo okanye akhokele obunye ubungqina xa bukhona obuxhasa isigqibo esifanelekileyo.

20. Phambi kokuwiswa kwesigwebo, igosa elongameleyo, umtshutshisi okanye umenzi wentetho yokuzikhusela lingacela igosa elilinda amabanjwa okanye nayiphi na ingcali ukuba ibhale ingxelo ngawe okanye ummangelelwa. Ingxelo ingaquka uhlobo lomphumela wolwaphulo-mthetho kuwe. Ulwazi lungathathwa kwingxelo oyenze emapoliseni okanye igosa elilinda amabanjwa lingadlana indlebe nawe ubuso ngobuso okanye ungabizwa uze kunika ubungqina kwinqanaba lesigwebo.
21. Ukuba ucinga ukuba isigwebo silula ungaxoxa ngalo mba noMtshtutshisi oPhezulu okanye oyiNtloko, yena ke umtshutshisi angazisa uMlawuli kwezoTshutshiso loLuntu. Umlawuli kwezoTshutshiso loLuntu angabhena ngesigwebo kwinkundla yezibheno. Isibheno kufuneka senziwe ngexesha elixeliweyo.
22. Ummangalelwa angabhena ngesigwebo esiwiswe yinkundla. Ukuba isibheno sifakiwe, ungacela umtshutshisi kwityala lokuqala okanye igqwetha likarhulumente elijongene nesibheno ukuba likwazise ngokuqhubekayo kwityala elo, umzekelo, umhla obekiweyo wokumamela isibheno, ukuba ummangalelwa uyinikiwe na ibheyile nesiphumo sesibheno.



Ukuba udinga uncedo:

28. Amasebe amaninzi karhulumente aya kuba luncedo kuwe. Amapolisa aya kukunceda kwezi meko- imo emaxongo efuna umlamli; ukukuthumela kuncedo lonyango okanye uncedo lwasengqondweni; ukukuchazela ngeenkqubo zamapolisa ; ukukunika ulwazi ngamalungelo akho; ukukuthumela kwimibutho engeyokarhulumente nesekwe ekuhlaleni. (ii-NGO nee-CBO) okanye iinkonzo zasekuhlaleni zokuxhasa amaxhoba; ukuqinisekisa ukukhuseleka kwakho kwindawo yolwaphulo-mthetho; ekulondolozweni kobungqina; nokukucebisa ngothintelo lolwaphulo-mthetho.
29. Ukuba kukho isoyikiso emva kwesigwebo, wena, igosa eliphandayo okanye umtshutshisi kufuneka aqhagamshelane ngokukhawuleza neofisi yeSigqeba soKhuselo lweNgqina.
30. ISebe leeNkonzo zeNtlalo nabanye abaququzeleli beenkonzo zentlalo, ukuba bakhona, liya kunika iinkonzo zenkxaso nezemvakalelo ezin-gaquka neenkqubo zokulungiselela ukuya inkundleni.
- 31 Oonompilo baya kuqinisekisa ukuba amalungelo akho aqulethwe kwiTshatha yaMalungelo eZigulane ayahlonitshwa.
- 32 ISebe leMfundo liya kuqinisekisa ukuba iinkqubo zokulamla ezinjen-gokucebisa, iinkqubo zokuthumela nokuxhasa ezilungiselelwe amax-hoba zikhona kwinkqubo yemfundo.

ISAPHLUKO III

ISAPHLUKO III: IMIGANGATHO ENGENGAKANANI NGEENKONZO


ZAMAXHOBA OLWAPHULO-MTHETHO

1 ILUNGELO LOKUBA UPHATHWE NGOBULUNGISA NEMBEKO NGENXA YESIDIMA SAKHO NOBOMI OBUBOBAKHO BANGASESE

- 1.1 Ungalindela ukuba bonke abathathi-nxaxheba kwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho baya kukuphatha ngobulungisa, nembeko ngenxa yesidima sakho nobomi obubobakho bangasese nangendlela enovakalelo.

Ukuba ulwaphulo-mthetho luxeliwe emapoliseni, ungalindela ukuba -

- 1.2 ulwaphulo-mthetho luya kuphandwa ;
- 1.3 ukuba ulwaphulo-mthetho uluxele ngokuba uqhagamshelane namapolisa aya kuphendula ngokukhawuleza kangangoko;
- 1.4 kuya kuthatyathwa amanyathelo ukucutha nayiphi na ingxaki onokuba ukuyo;
- 1.5 ipolisa liya kuthatha ingxelo kuwe ukuze lizalise iifomu ezifanelekileyo zokubhalisa ulwaphulo-mthetho;
- 1.6 uya kuthunyelwa kugqirha okanye kwindawo yengcebiso ukuba kuyafuneka oko;
- 1.7 ukuba ulixhoba lobundlobongela kwezesondo kuya kudliwana iindlebe nawe bucala lilungu lamapolisa;
- 1.8 kuya kudliwana iindlebe nawe ngolwimi oluvayo kwaye ukuba umntu othetha nawe akakwazi ukuthetha ulwimi oluvayo, ungacela itoliki; kwaye



1.9 ungacela ukuba ilungu lamapolisa elidlana indlebe nawe ibe lelesini esifana nesakho, ukuba likhona, isicelo sakho siya kwamkelwa.

Ukuba ityala liya enkundleni ungalindela ukuba :

Igosa elongameleyo-

1.10 liya kuqinisekisa ukuba ukuxoxwa kwetyala kuqhutywa ngendlela apha engaphazamisaniyo nelungelo lokuphathwa kwakho ngobulungisa nembeko ngenxa yesidima sakho nobomi obubobakho bangasese.


Umtshutshisi-

1.11 uya kuthatha amanyathelo ingakumbi kwizenzo ezibi ezinxulumene nesondo nobundlobongela basekhaya, ukuqinisekisa ukuba, apho imeko ivumayo, ityala liphethwe ngumtshutshisi omnye ngalo lonke ixesha lokuxoxwa kwalo;

1.12 uya kukubiza uze kunika ubungqina ngokukhawuleza , kwaye ukuba kukho into elibazisayo umtshutshisi ochophele ityala lakho uya kukuc hazela ukuba kutheni na kukho ukulibaziseka kwaye ungalinda ixesha elingakanani na;


1.13 uya kukunika ithuba lokuba uzikhumbuze, ufunde ingxelo yakho kwaye apho kukho imfuneko, abonisane nawe;

1.14 ilungu labasebenzi basenkundleni liya kukwazisa ukuba unelungelo lokuhlawulelwa iindleko zokuhamba kwanezinye iindleko ezithile ngexesha olichithe enkundleni uye kunika ubungqina kwaye liya kukunika nolwazi lokukunceda ukwazi ukubanga ezi ndleko.

- 
- 1.21 awusayi kuyekwa ujongane netyala wedwa. Ukuba ubungekalixeli ityala elo emapoliseni, umququzeleli weenkonzozentlalo uya kukuncedisa ukuxela ityala; kwaye
- 1.22 ukuba ulixhoba letyala lezesondo, amapolisa anokuzifuna iimpahla ubuzinxibile njengobungqina, into ethetha ukuba kwimeko enjalo ungacela umququzeleli weenkonzozentlalo ukuba akuncedise ukufumana enye impahla yokunxiba.

Kwicala loonompilo ungalindela ukuba -

- 1.23 uya kuhlolwa ngokupheleleyo emzimbeni ukuze kujongwe nemo yakho yengqondo neyemvakalelo;
- 1.24 kuya kuboniswana nawe kwindawo eyodwa enika umoya wobumfihlo, wokuba ngasese nesidima kwaye kuya kuthethwa ngolwimi oluvayo;
- 1.25 uya kucelwa ukuba uvume ukuxilongwa okanye unyangwe, kodwa uyakwaziswa ukuba ungala ukuxilongwa, kwimeko enjalo ke iziphumo zoko uya kuzichazelwa;
- 1.26 kwityala lezesondo ukuba kuceliwe oko kwaye kunokwenzeka, uya kuxilongwa kwaye unyangwe ngugqirha wesini esifana nesakho;
- 1.27 oogqirha baya kuqinisekisa ukuba ingxelo yoxilongo ifakiwe kwiirekhodi zakho zetyala;
- 1.28 Uya kunyangwa ngokukhawuleza ngokubhekiselele kumalungelo akho aqulethwe kwiTshatha yaMalungelo eZigulane.

- 
- 2.3 uya kunikwa ithuba lokuba uchaze kwingxelo yakho indlela ulwaphulo-mthetho olukuchaphazele ngayo kwaye apho kufanelekileyo ziya kuthathelwa ingqalelo izimvo zakho;
 - 2.4 uya kwaziswa into yokuba ungayicela ikopi yengxelo yakho;
 - 2.5 ipolisa liya kufuna iinkcukacha zelahleko , umonakalo okanye ukwenzakala kwaye yonke loo nto iya kubhalwa phantsi igcinwe;
 - 2.6 uya kucelwa ukuba uhlale ulazisa igosa eliphandayo ngedilesi yakho, apho kungaqhagamshelwana nawe khona, apho ukhoyo de uphando netyala zigqityiwe; kwaye
 - 2.7 uya kucelwa ukuba ulazise igosa lophando ukuba ummangalelwa uya kuphazamisa okanye uzama ukuphazamisa uphando lwetyala, ukuba akazi kuza etyaleni okanye ukuba uyakoyikisa.

Ukuba ityala liya enkundleni ungalindela ukuba :

umtshutshisi –

- 2.8 phakathi kwezinye izinto, azithathele ingqalelo izimvo zakho xa ecinga ukuba atshutshise okanye angatshutshisi;
- 2.9 uya kukucela ukuba udize naluphi ulwazi oluluncedo kwisigqibo esinxulumene nokukhululwa kummangalelwa ngebheyile, umzekelo, into yokuba ummangalelwa uphazamisana nobungqina okanye namangqina okanye ummangalelwa uyakoyikisa okanye woyikisa usapho lwakho okanye ummangalelwa akazukuya etyaleni; kwaye, ukuba kufanelekile, umtshutshisi uya kukubiza ukuba unike ubungqina ngokubhekiselele koku xa kuxoxwa ngebheyile;



oonompilo -

2.15 ukuba inkundla (umtshutshisi okanye umantyi) ucela ukuba benze njalo, baya kunika inkundla iirekhodi zakho zikagqirha kwakunye naluphi olunye ulwazi obanike lona oluhambelana netyala.

Amagosa eeNkonzo zoLuleko -

2.16 aya kukuvumela ukuba wenze isicelo esibhaliweyo esiya kuSihlalo weBhodi yoLongamelo lwezoLuleko neSaphulelo sesigwebo ukuba uye kwityala lesaphulelo sesigwebo kwaye uSihlalo uya kukwazisa ngexesha, umhla nendawo yetyala;

2.17 ukuba uya kwityala elixoxwa yiBhodi yoLongamelo lwezoLuleko neSaphulelo sesigwebo uya kukuvumela wenze igalelo etyaleni ngomlomo okanye ungenise igalelo elibhaliweyo.

3. ILUNGELO LOKUFUMANA ULWAZI

Ukuba ityala lixeliwe ungalindela ukuba amapolisa aya kukwazisa -

3.1 ngobume nenjongo yengxelo yakho;

3.2 ngegama nenombolo yefowuni yegosa eliphandayo elijongene neli tyala nenombolo yamapolisa yetyala (iCAS okanye iNombolo yeNkqubo yoLawulo loLwaphulo-mthetho);

3.3 ukuba kunokwenzeka uzifunele umtshutshisi wabucala ngeendleko zakho xa uMlawuli wezoTshutshiso loLuntu esala ukuba ngumtshutshisi kweli tyala; kwaye




- 3.4 ngesicelo, aya kwazisa ngeenkukacha ezinxulumene noku kulandelayo:
- a. Ukubanjwa komrhanelwa
 - b. Ukuba ingaba kufuneka uye na xa kukhunjwa umrhanelwa nomhla lowo wokwenza oko
 - c. Inombolo yetyala lenkundla
 - d. Imihla yetyala lebheyile
 - e. Isiphumo setyala lebheyile (ukuba ngaba umrhanelwa uza kukhululwa ngebheyile na)
 - f. Ukuqhubela phambili kophando nokuxoxwa kwetyala
 - g. Nasiphi na isigqibo sokurhoxisa okanye ukujika kakhulu isimangalo
 - h. Ukuba kufuneka uye kwiinkqubo zasenkundleni nomhla okanye imihla yezo nkqubo.
 - i. Umhla wokuxoxwa kwetyala nesiphumo sokugqibela
 - j. Umhla wesigwebo nesiphumo
 - k. Ukuba ngaba ummgalelwa ufake isibheni ngokufunyaniswa enetyala okanye isigwebo nesiphumo sokubhena
 - l. Impahla ibibanjiwe ingabangwa njani kwaye nini kwakhona.
 - m. Ziziphi iinkonzo ezikhoyo zokujongana neemfuno zakho kwaye nendlela yokusebenzisa ezi nkonzo.

UKUBA ITYALA LIYA ENKUNDLENI UNGALINDELA UKUBA

abasebenzi basenkundleni-

- 3.5 apho kunokwenzeka nangesicelo sakho baya kukuvumela ubone igumbi lenkundla phambi kokuqala kwetyala ukuze uyazi into omawuyilindele; kwaye



3.6 baya kuqinisekisa ukuba kukho imiqondiso neempawu ezicacileyo ezikhomba indlela kwaye baya kukubonisa indlela eya enkundleni. Apho ikhoyo iDesika yoNcedo/yoLwazi/yeNgcebiso baya kuwazisa ngegumbi ekuza kuqhutyelwa kulo ityala.

umtshutshisi ochophele ityala lakho-

3.7 uya kwazisa umqeshi wakho ngazo naziphi iinkqubo eziya kwenza ungabikho emsebenzini;

3.8 uya kwazisa ukuba uMlawuli wezoTshutshiso loLuntu ugqibe ekubeni angatshutshisi kweli tyala, ungafuna utshutshiso lwabucala kwaye akwazise nenkqubo elandelwayo xa usenza oko;

3.9 uya kukwazi ukuphendula imibuzo yakho engenkqubo yasenkundleni, ukuba kukho ukulibaziseka uza kwazisa ukuba mhlawumbi kufuneka ulinde ixesha elingakanani na phambi kokuba unike ubungqina;

3.10 xa kufuneka, uya kukunika ithuba lokubonisana phambi kokuthatha izigqibo ngetyala;

3.11 uya kwazisa ngesiphumo seenkqubo zebheyile, naziphi na iimeko zebheyile ezizodwa ezibekiweyo, achaze ukuba ezo meko zebheyile zithetha ntoni na;

3.12 uya kukukhusela kwimibuzo engqwabalala, enobungozi nethoba isidima; kwaye

3.13 uya kwazisa ngesiphumo setyala kwaye nokuba kukho isibheno malunga nokufunyaniswa enetyala okanye isigwebo.




Ukuba ummangalelwa ugwetyelwe ukudontsa entolongweni iSebe leeNkonzo zoLuleko:

- 3.22 liya kuthi ngokucelwa likwazise ukuba ummangalelwa iya kuqwalasela nini na imeko yakhe yokuba anikwe isophulelo sesigwebo;
- 3.23 liya kuthi ngokucelwa ukuba kunokwenzeka, likwazise ngeenkono ezikhoyo zenkxaso nezengcebiso ngexesha lokuxoxwa kwetyala yieBhodi yeSaphulelo sesigwebo;
- 3.24 liya kwazisa ngokubhala nangaziphi na iinguqu kwimihla yetyala okanye ukumiselwa kwelinye ixesha, isiphumo sengxoxo yeBhodi yeSaphulelo sesigwebo nazo zonke iimeko ezibekiweyo;
- 3.25 ukuba ubucele ukubakho xa Bhodi yeSaphulelo sesigwebo ixoxa ngesaphulelo, uSihlalo uya kukwazisa ngolwimi oluvayo ngeenkqubo ezilandelwayo ngexesha lengxoxo nento elindelekileyo kuwe; kwaye
- 3.26 ngokucelwa nangokuvuma kummangalelwa akwazise ngeenkqubo zophuhliso ummangalelwa azihambileyo okanye azihambayo ukuphucula isimilo sakhe.

4. ILUNGELO LOKHUSELO

Xa ulwaphulo-mthetho luxeliwe emapoliseni-

- 4.1 kwaye ulingqina kwaye wena okanye ilungu losapho lwakho liyoyikiswa okanye ubomi bakho busengozini, kufuneka uyixele le nto ngokukhawuleza emapoliseni okanye kumtshutshisi woluntu ophezulu enkundleni uze wenze isicelo sokhuselo lwengqina, kwimeko enjalo ke ungalindela



4.4 ukuba ungummangali kwityala lobundlobongela basekhaya kwaye kukho izizathu ezenza ipolisa libone ukuba ungenzakala ngenxa yokophulwa komyalelo wokhuselo ngummangalelwa -

4.4.1 ungangenisa ubungqina emapoliseni uchaze ukophulwa komyalelo ngummangalelwa; kwaye

4.4.2 ipolisa liya kumbamba ummangalelwa kwangoko ngokophula imiqobo ebibekwe yinkundla phantsi kweCandelo 7 loMthetho woBundlobongela baseKhaya No.116 wowe-1998.


Ukuba ityala liya enkundlelni ungalindela ukuba:

umtshutshisi -

4.5 uya kwazisa ukuba, ukuba ummangalelwa ungaphantsi kweshumi elinesibhozo leminyaka ubudala ungangabikho xa kuxoxwa ityala ngaphandle kokuba ubukho bakho bugunyaziswe yinkundla; okanye apho ingqina lingaphantsi kwe-18 ubudala ungakhutshelwa ngaphandle ungabumameli ubungqina obunikwa lelo ngqina;

4.6 uya kwazisa ukuba kwiimeko ezithile inkundla ingakunqanda ukupapashwa kwalo naluphi ulwazi (kuqukwa amagama ommangali okanye engqina) ngokunxulumene netyala okanye nayiphi na inxalenye yalo egcinwe ekhusini; kwaye

4.7 uya kwazisa apho kufanelekileyo ukuba nawuphi na umntu opapasha ngokungekho emthethweni naluphi na ulwazi okanye adize ngokungekho emthethweni amagama engqina unetyala kwaye angatshutshiswa.

- 
- 5.2 ngokuchaza iinkqubo ezilandelwa ngamapolisa;
 - 5.3 ngokukuxelela ngamalungelo akho;
 - 5.4 ngokuthatha ukhuseleko lwakho njengoyena ndoqo;
 - 5.5 ngokulondoloza ubungqina;
 - 5.6 ngokukunika ingcebiso malunga nokuthintela ulwaphulo-mthetho ;
kwaye
 - 5.7 ngokunqanda ubundlobongela kwindawo yolwaphulo-mthetho.

Ukuba ityala liya enkundleni ungalindela ukuba-

- 5.8 umtshutshisi uya kumandlalela urhulumente ityala kwaye uya kuz-
iqwalasela izimvo zakho;
- 5.9 ungaxoxa ngetyala kunye negqwetha olithandayo ingakumbi ukuba
uceba ukwenza ibango lokubonelelwa ngomonakalo okanye ukwen-
zakala emzimbeni nasengqondweni;
- 5.10 aya kwenziwa amalungiselelo okuba kubekho itoliki, kwaye apho
kufanelekileyo kuya kwenziwa ukuba ulwazi malufikelele nakwabakhu-
bazekileyo;
- 5.11 abantu abakhubazekileyo xa imeko ivuma baya kunikwa inkxaso abay-
idingayo;
- 5.12 amatyala aquka amatyala ezesondo aya kuxoxwa kwiinkundla ezi-
zodwa kwiindawo ezinazo ezo nkundla;



Abaququzeleli beenkonzo zentlalo apho kunokwenzeka naxa befumaneka –

5.19 baya kunika ingcebiso nenkxaso ebonwayo

5.20 baya kukuncedisa ngokuba benze iinkonzo zabaququzeleli beenkonzo zentlalo okanye zamagosa angabalindi bamabanjwa zifumaneke kwaye

5.21 benze oku -

- a. bakuncede ukwazi ukuqhagamshelana nosapho okanye abahlobo
- b. bakuncede ukuba ubonisa iimpawu zokuxikizeka emva kwemeko le
- c. bakunike inkcazelo ngenkqubo eza kulandelwa
- d. bakuncede kunxibelelwano neNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika nomtshutshisi
- e. bakuthumele kwinkonzo yengcebiso ukuba ukuxikizeka kuza ngamandla
- f. bakwenze ufikelele kulwazi neenkonzo, ingakumbi kwiindawo apho iinkonzo ezikhoyo zinabela kwi 'Nkxaso yeNkundla' kuqukwa -
 - i. ukukunceda uqonde inkqubo yenkundla;
 - ii. ukukuchazela into eza kwenzeka enkundleni ukuba ubizwe njengengqina;
 - iii. ukukuchazela ukuba ngoobani abaza kubasenkundleni neendawo abaza kuzidlala;
 - iv. ukukulungiselela ukuba unike ubungqina futhi kukhuthazwe nokuba ubonisane nomtshutshisi.

Kwicala lamagosa eeNkonzo zoLuleko ungalindela-

5.22 ngokwenza isicelo, uya kwaziswa ngezilungiso okanye ngotshintsho kwizigwebo zolongamelo loluleko; imisebenzi yeBhodi yeSaphulelo



Ukuba ityala liya enkundleni ungalindela ukuba-

- 6.1 umtshutshisi nepolisa baya kuthi kwiimeko ezifanelekileyo bakwazise ukuba ungakho enkundleni ngomhla wokuwiswa kwesigwebo kwaye ungacela umtshutshisi ukuba enze isicelo sesibonelelo enkundleni;
- 6.2 kwiimeko ezifanelekileyo, inkundla ingasimisa isigwebo ukuba ummangalelwa uya kubonelela ngelahleko nomonakalo owenzeke kwimpahla/kwipropati ngenxa yesenzo esigwenxa;
- 6.3 umtshutshisi uya kukwazisa kwaye umabhalana wenkundla uya kusinyanzelisa eso siph;
- 6.4 umabhalana wenkundla okanye umtshutshisi uya kuthi kwiimeko ezifanelekileyo akwazise ukuba apho imali yommangalelwa ithathiweyo xa evalelwa , inkundla ingayalela imali enjalo ukuba uyihlawulwe ngokukhawuleza;
- 6.5 umtshutshisi uya kukwazisa ukuba, ukuba akukhutshwanga myalelo wesibonelelo, ngexesha lokuxoxwa kwetyala lolwaphulo-mthetho, ungamthathela inyathelo elisemthethweni ummangalelwa;
- 6.6 umtshutshisi okanye igosa elongameleyo (oko kutsho umantyi okanye ijaji) uya kwazisa ukuba isipho esenziwe yinkundla siyasichaphazela isigwebo kwaye angawunyanzelisa lo myalelo;
- 6.7 igosa elongameleyo liya kwazisa ukuba, ukuba isipho sikhutshiwe, uneentsuku ezingamashumi amathandathu (60) zokusala eso siph ngokuba ubhale phantsi , kwaye , ukuba ukwenzile oko, kufuneka ubuyisele nayiphi imali oyihlawuliweyo kurejistra okanye kumabhalana wenkundla;



- 6.8 igosa elongameleyo liya kwazisa ukuba, ukuba awusalanga isipho ngethuba leentsuku ezingamashumi amathandathu (60) awunakho ukumthabathela inyathelo elisemthethweni ummangalelwa; kwaye
- 6.9 ukuba wenza isicelo esiya enkundleni sokuba ubonelelwe ngeendleko zonyango ngenxa yokwenzakala emzimbeni ngexesha lolwaphulo-mthetho, unompilo okuxilongileyo uya kusixhasa isicelo sakho ngokuba anike ubungqina enkundleni kwaye anike nolwazi oluchanekileyo kwinkundla kuqukwa neengxelo zonyango.

7. ILUNGELO LEMBUYEKEZO

“Imbuyekezo” ibhekisa kwiimeko apho inkundla, emva kokuba umntu efunyaniswe enetyala, iyalela ummangalelwa ukuba abuyisele kuwe ipropati okanye iimpahla ebezithathwe kuwe ngokungekho mthethweni okanye ezonakaliswe ngokungekho mthethweni, ngenjongo yokukubuyisela kwisikhundla sakho phambi kwesenzo sobugwenxa.

Ukuba ityala liya enkundleni ungalindela

ukuba umtshutshisi -

- 7.1 uya kwazisa ukuba, kwiimeko ezifanelekileyo, ungacela umophuli-mthetho akubuyekeze kakuhle, wena, usapho lwakho okanye abantu abondliwa nguwe;
- 7.2 uya kwazisa ukuba imbuyekezo elolo hlobo iya kuquka ukubuyiselwa kwepropati okanye impahla okanye ukulungiswa kwempahla eyonakeleyo;
- 7.3 uya kwazisa ukuba isicelo sakho ngokubhekiselele koku singaxhaswa yinkundla kwaye kwiimeko ezifanelekileyo uya kuvunyelwa ungenise isicelo esinjalo enkundleni.

ISAHLUKO IV

ISAHLUKO IV: IINDLELA ZOKUFAKA ISIKHALAZO

IZIKHALAZO

Onke amasebe namaziko abandakanyekayo etyaleni ajonge ukunika inkonzo ekumgangatho ophezulu, kodwa ngamanye amaxesha izinto azihambi kakuhle. Ukuba kuyenzeka oko, amasebe namaziko afuna ukwazi ukuba kwenzeke ntoni. Le ndawo yolu xwebhu ikuxelela into onokuyenza xa ungenelisekanga-

- a. yindlela oye waphathwa ngayo;
- b. lulwazi olufumeneyo; okanye
- c. zizigqibo ezithatyathiweyo

INkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika

- 1 Ungafaka isikhalazo ngepolisa okanye ngomgaqo-nkqubo wenkonzo yamapolisa, indlela okwenziwa ngayo okanye inkqubo elandelwayo, ungakwenza oko ngokuba ubhalele uKhomishina weSikhululo samapolisa eso sibandakanyekayo.
- 2 Ukuba isikhalazo sakho singempahla zakho ezilahlekileyo okanye ezonakeleyo ngexesha zisemapoliseni, unganelungelo lokufumana isibonelelo. Thumela nayiphi na imibuzo kuKhomishina weSikhululo, okanye, ukuba aweneliseki, ungaya nakuKhomishina weNgingqi wesikhululo samapolisa neenkukacha zebango lakho. Ukuba isikhalazo sakho asikhange sihojwe ngendlela ekwanelisayo, usenokuya kwi-Ofisi yoMkhuseli woLuntu.
- 3 Ukuba aweneliseki yindlela esiqwalaselwe ngayo isikhalazo sakho ungaya kwiCandelo Elizimeleyo leZikhalazo , kodwa nceda qaphela ukuba le ofisi kungayiwa kuyo nezikhalazo ezinxulumene namatyala angolwaphulo-mthetho okanye ukungaziphathi kakuhle kwamalungu




eNkonzo yamapolisa iMetro (iMetro Police Service) namalungu eNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika athe akawenza umsebenzi wawo.

Abatshutshisi:

- 4 Inkundla ebekuxoxwa kuyo ityala ingazisombulula izikhalazo ezininzi. Ukuba unesikhalazo ungabhala okanye wenze idinga noMtshutshisi oPhezulu woLuntu kwinkundla le ibijongene netyala. Phofu ke, xa iofisi yoMtshutshisi yengingqi ingasiphenduli ngokwanelisayo isikhalazo sakho, ungakhalaza kuMtshutshisi oyiNtloko wendawo leyo. Ukuba kwakhona isikhalazo sakho asihoywanga ngokwanelisayo, ungakhalaza kuMlawuli wezoTshutshiso loLuntu wendawo leyo. Yena uya kuzenzela olwakhe uphengululo. Ukuba nalapho aweneliseki, ungadibana noMlawuli kaZwelonke wezoTshutshiso loLuntu.
- 5 Ukuba isikhalazo sakho kusafuneka kwakhona ukuba siqwalaselwe de waneliseke, ungadibana neOfisi yoMkhuseli woLuntu. Nceda qaphela ukuba kungaziwa kule ofisi nezikhalazo ezinxulumene nenkqubo yolawulo. IOfisi yoMkhuseli woLuntu ayinakho ngokomthetho ukuba iphande izigqibo zenkundla.

Iinkundla:

- 6 Ukuba isikhalazo sakho singesimo segosa elongameleyo, ungabhala okanye wenze idinga lokubona iNtloko yeNtloko yezoMthetho yeSithili. Ungazifumana iinkcukacha zedilesi nefowuni kwinkundla kamantyi yengingqi.
- 7 Ukuba aweneliseki yimpendulo oyifumana kwiNtloko yeSithili, ungabhalela okanye wenze idinga neNtloko yezoMthetho yeSigqeba yommandla lowo.

- 
- 8 Ukuba isikhalazo sakho singenkundla yommandla, ungabhala okanye wenze idinga lokubonana noMongameli weNkundla yoMmandla waloo ndawo. Ungazifumana iinkcukacha zedilesi nefowuni kwinkundla kamantyi yengingqi.
 - 9 Ukuba isikhalazo sakho singeJaji yenkundla ephakamileyo, ungabhala okanye wenze idinga neJaji enguMongameli weCandelo elo. Ungazifumana iinkcukacha zedilesi nefowuni kwinkundla kamantyi yengingqi okanye kwinkundla ephakamileyo.
 - 10 Ukuba aweneliseki yimpendulo, ungabhalela kwiKhomishini kaMantyi ukuba isikhalazo sakho singenkundla kamantyi, okanye iKhomishini yeeNkonzo zaseMthethweni ukuba isikhalazo sakho singenkundla ephakamileyo. Ukuba kwakhona awukaneliseki ungadibana neOfisi yoMkhuseli woLuntu.
 - 11 Ukuba isikhalazo sakho singabasebenzi basenkundleni, umzekelo onobhalo neetoliki ungabhala okanye wenze idinga lokubonana nomlawuli wenkundla. Ukuba aweneliseki yimpendulo yomlawuli wenkundla, ungabhalela umlawuli ophetheyo weenkonzo zenkundla okanye umlawuli jikelele.

Abaququzeleli beenkonzo:

- 12 Ukuba isikhalazo sakho singegosa leSebe lezoPhuhliso lweNtlalo, ungabhalela kwintloko yeofisi leyo. Ukuba aweneliseki yimpendulo ungaqhagamshelana neNtloko yeOfisi yommandla okanye yePhondo kwakunye neOfisi kaZwelonke.
- 13 Ukuba kwakhona awukeneliseki yimpendulo oyifumene kwigosa likarhulumente, ungaqhagamshelana neBhunga leMisebenzi yobungcali kwiNkonzo yeNtlalo okanye iOfisi yoMkhuseli woLuntu.



Oonompilo:

- 14 Ukuba awanelisekanga yinkonzo oyinikwe ngunompilo kwicandelo lempilo likawonke-wonke kufuneka kuqala ukhalaze kulo mntu obe kunceda. Phofu ke, ukuba isikhalazo sakho asisombululekanga ngokwanelisayo, ungasisa isikhalazo sakho kwintloko okanye kumphathi wale ndawo yempilo ubuxilongwe okanye ubunyangwe kuyo.
- 15 Ukuba awufumani mpendulo okanye aweneliseki okanye aweneliseki yindlela isikhalazo sakho esiqwalaselwe ngayo yintloko okanye ngumphathi wale ndawo yezempilo, ungasisa isikhalazo sakho kwiSebe lezeMpilo lePhondo elo ukulo. Ukuba aweneliseki yindlela iSebe lezeMpilo lePhondo elisiqwalasele ngayo esi sikhalazo, ungacela ibhodi okanye ibhunga elinjengeBhunga laseMzantsi Afrika labasebenzi bezeMpilo ukuba liwuphande lo mbandela.

Amagosa aphuma kwiiNkonzo zeMfundo

- 16 Ukuba isikhalazo sakho singomfundisi-ntsapho okanye naliphi elinye ilungu labasebenzi kwisikolo esithile okanye kwiziko lemfundo, ungaqhagamshelana nenqununu yeso sikolo okanye yeziko lemfundo. Ukuba isikhalazo singenqununu, ungaqhagamshelana neSithili seMfundo okanye uMphathi woMmandla
- 17 Ukuba aweneliseki yindlela isikhalazo sakho esiqwalaselwe ngayo, ungaqhagamshelana neNtloko yeSebe leMfundo kwelo phondo ukulo.
- 18 Ukuba isikhalazo sakho asikaqwalaselwa ngokwanelisayo, ungadibana noMEC weMfundo okanye iSebe leMfundo likaZwelonke.



Amagosa eeNkonzo zoLuleko:

- 19 Ukuba isikhalazo sakho singegosa loluleko ungasibhala siye kuKhomishina kaZwelonke weeNkonzo zoLuleko okanye kwiJaji eHlodayo. Xa efumana isikhalazo esibhaliweyo uKhomishina uya kusinikezela kwiofisi eza kusiqwalsela.

Ezinye iindlela zokukhalaza:

- 20 Ukuba uhlala ungenelisekanga yindlela isikhalazo sakho esiqwalaselwe ngayo ngabathathi-nxaxheba okanye ngabaququzeleli beenkonzo kwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho, ungaya kwiinkonzo ezinikwa yimibutho enjengale:
 - a. IOfisi yoMkhuseli woLuntu
 - b. IKhomishini yaMalungelo oLuntu yaseMzantsi Afrika
 - c. ICandelo Elizimeleyo leZikhalazo
 - d. IKhomishini yoLingano kwiSini
 - e. IBhunga laseMzantsi Afrika labasebenzi bezeMpilo
 - f. Igqwetha ozikhethela lona ngeendleko zakho

- **UMLAWULI JIKELELE**
ISebe lezoBulungisa no-Phuhliso loMgaqo-siseko
 Private Bag X 81
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 315 1111
 Ifeksi: (012) 326 0991
 Iwebsayithi:
<http://www.doj.gov.za>
- **UMLAWULI JIKELELE**
ISebe leMfundo
 Private Bag X 895
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 312 5911
 Ifeksi: (012) 321 6770
 Iwebsayithi:
<http://education.pwv.gov.za>
- **UMLAWULI JIKELELE**
ISebe loPhuhliso lwezeNtlalo
 Private Bag X 901
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 312 7601
 Ifeksi: (012) 312 7782
 Iwebsayithi:
<http://www.welfare.gov.za>
- **UKHOMISHINA**
ISebe leeNkonzo zoLuleko
 Private Bag X 136
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 307 2000
 Ifeksi: (012) 325 8080
 Iwebsayithi:
<http://www.dcs.gov.za>
- **UKHOMISHINA KAZ-
WELONKE**
**INkonzo yamaPolisa yaseM-
zantsi Afrika**
 Private Bag X 94
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 339 1000
 Ifeksi: (012) 339 1530
 iwebsayithi:
<http://www.saps.org.za>
- **UMLAWULI-JIKELELE**
ISebe lezeMpilo
 Private Bag X 828
 PRETORIA
 0001
 Ifowuni: (012) 312 0000
 Ifeksi: (012) 325 5706
 Iwebsayithi: <http://www.doh.gov.za>

- **IBhunga lomsebenzi wobungcali kwiiNkonzo zeNtlalo**

The Registrar
Private Bag X 2
Hatfield
0028
Ifowuni: (012) 342 5437
Ifeksi: (012) 342 3025

- **ICandelo Elizimeleyo leZikhalazo**

Private Bag X 941
PRETORIA
0001
Ifowuni: (012) 320 0431
Ifeksi: (012) 320 3116
Iwesayithi: <http://www.icd.gov.za>

- **IKhomishini yaMalungelo oLuntu yaseMzantsi Afrika**

Private Bag X 2700
HOUGHTON
2047
Ifowuni: (011) 484 8300
Ifeksi: (011) 484 1360
Iwebsayithi:
<http://www.sahrc.org.za>

- **Umbutho kaZwelonke wamagqwetha**

PO Box 15803
Vlaeberg
CAPE TOWN
8018
Ifowuni: (021) 421 0577
Ifeksi: (021) 421 0633
Iwebsayithi:
<http://sunsite.wits.ac.za/nadel-project/>

- **IKhomishini yoLingano ngeSini**

PO Box 32175
BRAAMFONTEIN
2017
Ifowuni: (011) 403 7182
Ifeksi: (011) 403 7188
Iwebsayithi:
<http://www.cge.org.za>

- **IBhunga laseMzantsi Afrika lomsebenzi wobungcali kwezeMpilo**

PO Box 205
PRETORIA
0001
Ifowuni: (012) 338 9300/01
Ifeksi: (012) 328 5120



A series of 20 horizontal lines for writing, spaced evenly down the page.





Private Bag X81
Pretoria, 0001
329 Pretorius Street, Momentum Building
Pretoria, 0002



the doj & cd

Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA